



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2016

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha angama-23.

IMIYALELO YOKUMAKISHA

1. Naninina apho umviwa aphenndule ngaphezulu kwenani elifuniweyo lemibuzo, makisha kuphela impendulo yokuqala. (Umviwa akavumelekanga ukuphendula umbuzo osisincoko kunye nombuzo omfutshane kwijenra enye).
2. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo) makisha kuphela emibini yokuqala.
3. Ukuba umviwa uphendule imibuzo emifutshane emibini okanye imibuzo esisincoko emibini makisha owokuqala ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomine imibuzo, makisha kuphela owokuqala kwicandelo ngalinye ngaphandle kokuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko uphendulwe.
4. Ukuba umviwa unika iimpendulo ezimbini apho eyokuqala ingachanekanga, ize eyesibini ichaneke, makisha eyokuqala ungayihoyi elandelayo.
5. Ukuba iimpendulo azinombolwanga ngokuchanekileyo, makisha ngokweenombolo zememo.
6. Ukuba impazamo yopelo ichaphazela intsingiselo, ayamkeleki loo mpendulo, ukanti ukuba ayiyiphazamisi, yamkele impendulo leyo.

7. *Imibuzo esisincoko*

Ukuba isincoko sifutshane kunomyinge obekiweyo ngokwamanani, sukunyiba manqaku, kuba umviwa sele ezohlwayile, Ukuba isincoko side kunomyinge wenani lamagama elibekiweyo, dibanisa iingqondo kumntu lowo ungummakishi owongamileyo. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlo melo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

Ukuba umviwa akasebenzisanga zimpawu zocaphulo xa ecelwe ukuba acaphule sukumohlwaya.

9. Ngokubhekiselele kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase, akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/ukunika ubungqina/nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.
10. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

Kweli candelo kulindeleke ukuba umfundi aphenndule imibuzo emithathu iyonke ngolu hlobo:

- Emibini ithathwa kwimibuzo 1–4- akhethe nawuphi.
- OMNYE ONYANZELEKILEYO ngumbuzo 5.

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIBONGO EFUNDISIWEYO****VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)****AFRIKA LIKHAYA: W Shasha**

Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Asi-7 ngawomxholo aze ama-3 abe ngawolwimi.

Sebenzisa irubriki esisihlomelo A.

Umfundi anganyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

Imbongi ikhathazekile yindlela iAfrika ethathwe ngayo zizizwe zangaphandle ngeenjongo zokubhunyula ubutyebi kubantwana bomthonyama. Oku kutyhilwa sisigama esikhethiweyo esicazululwe ngezantsi

- **Kowu aphin'amadoda!**-Imbongi ivula nje umbongo ihlaba ikhwelo kumadodana abantu abanamandla abakhuseli belizwe malunga nomonakalo nengozi eyibonayo eyehlela iAfrika.
- **Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi-** lo mqolo uphuhlisa ukungxwelerheka komphefumlo okanye kwentliziyo yembongi, oku kukhathazeka kuhletywa sisandi somphefumlo esiphuma ngeempumlo ukubonisa umonzakalo osentliziyweni malunga nale ntlungu iviwa yimbongi.
- **Intombi kabawo bayenzakalisile-** Imbongi isebenzisa isimntwiso xa ibonisa indlela iAfrika athathwe ngayo kuba kakade ilizwe belifudula libizwa ngokuba yintombazana. Imbongi iphuhlisa ukuba iAfrika ithathwe ngokungekho sikweni, ngonyhamnyheko. Imbongi ikwabonisa ubunzalelwane base-Afrika xa isithi intombi kabawo, ngenxa yesimnini kabawo.
- **Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo-** Imbongi isebenzisa isikweko ngokubiza izizwe zangaphandle oothikoloshe ukutyhila ukuba azizanga ngokufanelekileyo okanye ngesihle zivele zee muku. Uthikoloshe akamenywa kwaye akezi ezele ubuhle koko ufezekisa injongo yobugqwirha. Lilonke izizwe zangaphandle zifike ngokwamagqwirha ngenjongo yokungcola.
- **Ngcango festile ziyalenga-lenga-le** meko ibonisa umonakalo ezifike zawenza ezi zizwe apha eAfrika kaloku azingenanga ngendlela zingene ngokutyhoboza nama-Afrika ayalwa bobo butyobo ngumbhodamo.
- **Rhuthu intong'am ndaphakamisa-** oku kubonisa ukuba kule meko yokuthathwa kwelizwe ama-Afrika awazange asonge zandla abukele koko asebenzisa izixhobo anazo nezifikelelekayo kuwo intonga ukulwa nezizwe zangaphandle ukukhusela ilizwe labo.

[10]

- **Hlasi umkhont'am ndabibitheka-** Umkhonto sesinye sezixhobo zase-Afrika azisebenzisileyo ama-Afrika kolu daba lokukhuswela ilizwe lawo.
- **Ndonda ngecabanga balambisa-** Umkhonto ke xa usilwa kufuneka ukhethe iindawo ezithile kutshaba ukuze ukusebenzele ngokufezekileyo njengecabanga kodwa lwaphepha utshaba.
- **Yangen'imbumbulu bandosela-** Oku kubonisa ukuba izizwe zangaphandle zisebenzise izixhobo zale mihla imipu ukulwa nama-Afrika adutyulwa abulawa oyiswa.
- **Kunamhlanje nje ndondl'umgqakhwe-** Ekoyisweni kwama-Afrika zaluthathela kuzo ulawulo izizwe zangaphandle zazenzele kubutyebi be-Afrika basala belamba abomgquba, zihlutha zona iintshaba. Umbhali usebenzise isigama umgqakhwe esityhila ukungabi yinzalelwane yalapha nangona uxhamla kwizinto zalapha. [10]

UMBUZO 2: (UMBUZO OMFUTSHANE)

AFRIKA LIKHAYA

- 2.1 Siqwashaz'imithi. ✓ (1)
- 2.2 Imbongi ibhekisa kumlambo. ✓ (1)
- 2.3 Sisikweko ✓ (1)
- 2.4 Isitanza sokuqala sakhiwe ngemiqolo emi-5, esesibini sakhiwe ngemiqolo emi-4 ✓✓/Imiqolo yezitanza ayilingani ✓✓/isitanza sokuqala sinemiqolo emininzi, esesibini sinemiqolo embalwa ✓✓ (2)
- [Naziphi ezimbini]** (2)
- 2.5 Ityhila intsingiselo yokuba umlambo awuyi xhobeni kodwa ixhoba liyazizela ukuze umlambo uziphindisele ngokulithatha. ✓✓ (2)
- 2.6 Ngumfanekiso ngqondweni wendlebe/ngowokuva ✓ (1)
- 2.7 Umongo walo mbongo ungomlambo oluncedo ebantwini kodwa ukwanobungozi ngokuthi ukhukulise okusendleleni yawo xa uzele. ✓✓ (2)
- [10]**

UMBUZO 3: (UMBUZO OMFUTSHANE)

UVUKANI MADODA KUSILE: Z.W.V. MZUKWA

- 3.1 Kusekuseni ✓ (1)
- 3.2 Zibizwa ngokuba ziinkuku zombethe. ✓ (1)

- 3.3 Isitanza sesine sakhiwe ngemiqolo emine, esesihlanu sakhiwe ngemiqolo emi-3. ✓✓ (2)
- 3.4 Isebenzise isimntwiso ✓ ukubonisa ukuba inkunzi ihlonitshwa ngemveliso yayo. ✓ (2)
- 3.5 Ithetha egameni lomqhagi. ✓ (1)
- 3.6 Ngumfanekiso ngqondweni weliso. ✓ (1)
- 3.7 Umongo walo mbongo ungomqhagi oluncedo ekuvuseni abantu njengomgcini xesha. (2)
- [10]**

UMBUZO 4: (UMBUZO OMFUTSHANE)

UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA: D.L.P. YALI-MANISI

- 4.1 Yimvano siqalo. ✓ (1)
- 4.2 Imbongi ibhekisa kuRholihlahla Mandela. ✓ (1)
- 4.3 Isitanza sokuqala sakhiwe ngemiqolo eli-16, esesibini sakhiwe ngemiqolo eli-12. ✓✓ (2)
- 4.4 Utyhila intsingiselo yokuba inyaniso ayamkeleki lula ebantwini ebachaphazelayo abanobuqhophololo. ✓✓ (1)
- 4.5 Ngumfanekiso ngqondweni wesikhumba. ✓ (1)
- 4.6 Luzisa intsingiselo yokuba uthwele iingxaki ngeengxaki ezahlukeneyo nezingalinganiyo. ✓✓ (2)
- 4.7 Umongo walo mbongo ungokuthetha ngokuphandle kukaMandela kutsho kukhathazeke abenzi bobubi. ✓✓ (2)
- [10]**

KUNYE

UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

ZIXOLISE: T Ndlazulwana

- 5.1 Luchasaniso. ✓ (1)
- 5.2 Sisandi u-ba. ✓ (1)
- 5.3 Bakufik'unkene-nkene bukuqob'amadolo ✓/Bakufik'u-ethe-ethe bukulalisa ngophothe. ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)

- 5.4 Umfanekiso ntelekelelo wento egqama ikhawuleze ithi shwaka ✓✓/Izinto eziphela msinya zisemnandi. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- 5.5 YeyamaNgesi ✓kuba uneekwatreni ezintathu nekhaphlethi. ✓ (2)
- 5.6 Ngumyalezo wokuba ebomini izinto ezininzi ezihlayo azinqandeki kwaye azihlali zihleli ziyaggitha. ✓✓ (2)
- 5.7 Imbongi inovakalelo losizi. ✓ (1)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: INOVELI

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphenhule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- KUMBUZO OSISINCOKO SONCWADI, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**NYANA WAM! NYANA WAM!: W.K. Tamsanqa**

Bonisa wayame ngeziganeko ezehla kuThole encwadini ukuba umlinganiswa oliqhawe ufakwa engxakini ukuze enze iinzame zokuzikhupha.

Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- Uthole unomnqweno wokuba ngumfundisi ebomini bakhe. Indlela yakhe yokuba ngumfundisi iphahlwe ziingxaki esiqale simvezelwe
- Umbhali umbekela abalinganiswa abangabahlobo bakhe ukuze abe kwingxaki yokungakwazi ukuzeyisa bathi bakumemza enze ito ethile ayenze naye.
- Bamenza athi endaweni yokuya ekhaya bakwele naye inqwelo ethe kanti iya eBhayi engakhange ayazi ebegqibele esonwaba naye. Luthando lwabahlobo bakhe olumfaka engxakini.
- Kunjalo, simbona engena engxakini emkhupha esiporweni ngokuthi asezwe utywala ngabalingane bakhe uThemba noSonwabo. Ingxaki ivela ngokuthi akubusela utywala yena bungamonwabisi suka abhomboloze.
- Bakufika, uzibona sele esisibhadubhadu eBhayi engasazazi ukuba uze njani. Uthatha isigqibo sokubuqalekisa utywala ade ale ukubusela xa sele uThemba emnika kwakhona.
- Ukuzula edolophini kumfaka engxakini yokuthandana noNomsa osuke wayingxaki kuye ngesimo sakhe ade abe uphantse wanikezela ngeenjongo zakhe kuba kuthe kanti unasithandwa simbi esinezigalo, uJoe.
- Uthi akutyelela uNomsa kuthi kusemnandi kungene uJoe neqela lakhe babethelwe ibhokisi uThole noNomsa ade abe uthenjiswa ngokubulawa.
- Akusinda athathe isigqibo sokuba agoduke, uthi ekuloo ndlela igodukayo eya esikhululweni sezinto ezihambayo, ukhwazwa nguThemba ngelithi iteksi le bakuyo iya eGcuwa.
- Uyakhwela suka iteksi itshone eNtshona Koloni, iye kubalahla kumahlathi aseKnysna.
- Besehlathini njalo kuvela iingonyama zibaqwenge abahlanu ekukho kubo uThemba noSonwabo, uThole yena usinda ngokukhwela emthini.
- Uphuncuka emthini awele phezu kwengonyama kodwa yothuke ibaleke ingonyama, naye uThole abaleke aphume ehlathini.
- Ilanda ekhondweni ingonyama imleqe uThole, athi ekuboneni ukuba ifikile ingonyama aqonde ukuba makaguqe ayikhawulele ukuze imqale entloko, isuke ijike ibaleke ingonyama.
- Udibana namakhwenkwana afuna inkonyana abuze umbala walo amxelele, athi ekuhambeni kwethuba alibone entlanjeni, aqonde ukuba lithuba lokwenza imali ukuze atye ngokuzenza igqirha.

- Iyangena imali usisityebi uThole kodwa abe engonwabanga ngenxa yamaphupha.
- Uhamba angene ecaweni ahlatywe lilizwi elingonyana wolahleko, agqibe ukuba makathengise anako agoduke.
- Ugoduka enesigqibo sokubuyela esikolweni.
- Ufika esikolweni agqwese kwizifundo, kwintshumayelo nakwingxoxo mpikiswano. Ukugqwesa kwakhe kumbangela ukuba abe nonyaka awufunda fele-fele kuba aphule irekhodi ekuyiminyaka lingaphulwa.
- Ngenxa yesakhono anaso wamkela ubizo lobufundisi, umfundisi uMaqoma umfunela imali-nkxaso yokufundela ubufundisi.
- Uzibalula kwingxoxo mpikiswano eNgilane wagqwesa kwihlabathi lonke wafumana isipho se-500 yeeponi.
- Kunyaka wokugqibela ufumana isimemo kwidyunivesithi yaseOxford esithi makaye kwandisa ulwazi lwakhe uThole.
- Ubuya eNgilane engugqirha wezakwaLizwi.
- Uzinyula ukuba aye kwisekethe yaseGeorge Goch, sekethe encanyiyeyo ngokungalawuleki.
- Ufika eGeorge Goch angene elokishini ekhalisa ikhodiyanane, ashumayele lumlandele ulutsha, kutsho kugcwale ecaweni.
- Bakhupha imali abantu kwakhiwe isakhiwo esibizwa ukuba yiSPES BONA.
- Intshumayelo yakhe uThole ibangela ukuba adibane noyise uKhohlela.
- Ucela ukutshintshelwa kwisekethe yaseGcuwa, ubuya eGeorge Goch ehamba noyise benzelwe itheko nguFikizolo.
- Isekethe yaseGcuwa idibanisa uHolela apho azalwa khona, ushumayela apho kuguquke abantu kutsho kwakhiwe iicawe ngenxa yobuninzi bamarhamente.
- Uvusa ikhaya lakhe kuHolela ibe lipomakazi.
- Utshintshe inkolelo kubugqwirha kuHolela wafaka inkolo yobuKrestu.
- Ukhanyo analo uThole ubuye wazokukhanyisa kwindawo yakhe azalelwe kuyo wenza umahluko.

[25]**OKANYE**

UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

- 7.1 Amazwi ayevela kumfo wakwaSigxabhayi. ✓ (1)
- 7.2 Umlilo kukuthandana noNomsa othe kanti uthandana noJoe osisikrelemnqa. ✓✓ (2)
- 7.3 Wayesendleleni eya kuloNomsa. ✓ (1)
- 7.4 Yimpixano yangaphakathi ✓ kuba uphethwe ngumvandedwa/kuba kukho ukubethabethana kweengcinga zalo mlinganiswa. ✓ (2)
- 7.5 Njengeenkumbulo. ✓ (1)
- 7.6 Isigqebelo sisekubeni bonwabile nje kulo mzi besithi ngowabo kanti kuza kungena uJoe neqela lakhe ekwabanga lo mzi echitha olu lonwabo lwabo ngokubabetha. ✓✓ (2)
- 7.7 Kwinqanaba lokuyondelelana kweziganeko/inqanaba lokubotshwa kweqhina kuba iziganeko zithatha unyawo ukuya phambili uThole uhlangana nengxaki yokubethwa kude nekhay eBhayi. ✓✓ (2)
- 7.8 Luzobo ngqo ✓ kuba aba balinganiswa bachazwa ngokucacileyo ngumbhali ngokwakhe. ✓ (2)
- 7.9 Kusesikolweni kwaSomgxada. ✓ (1)
- 7.10 UMfundisi uMaqoma uthe akuba uThole amkele ubizo lobufundisi wamfunela imali-nkxaso kumaWesile ukuze afundele ubufundisi. ✓✓ (2)
- 7.11 Wakha wahlatywa lilizwi eseKnysna. ✓ (1)
- 7.12 Amadoda aze ngobuso elizweni anika intsingiselo yamadoda asematsha/ aselula. ✓ (1)
- 7.13 Ubuthathaka bukaThole bobu bokuba wayebusela utywala xa esezwa ziiitshomi ngoko ke iGeorge Goch nayo yayisaziwa ngokweyelisela abefundisi kwangotywala. ✓✓ (2)
- 7.14 Kudlulisa umyalezo wokuba abantu babesivuma isakhono sikaThole ✓/ Babembona abantu njengomntu uThole okufaneleyo ukungenela ubufundisi ngenxa yesakhono anaso. ✓

[Nayiphi na kwezi] (1)

- 7.15 Hayi kuba wayenze isibhambathiso sokuba ukuba kwesiya sihlandlo angasindiswa yiNkosi ekubulaweni nguJoe neqela lakhe uya kuyisebenzela inkosi. ✓✓ (2)
- 7.16 Ubufundisi bukaThole bumdibanise notata wakhe owatshipha kudala ✓✓/ Ubufundisi bukaThole bubangele ukuba kuvuke nenxuwa lakokwabo kuHolela. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- UMfazwe uyabanjwa ngenxa yokufundisa abantwana besikolo ngamalungelo abo kwizifundo zezembali.
- Kwindlela eya eRhini ukhweliswa nenja ngemva uMfazwe kwiveni yamapolisa egungxwe ingxowa entloko enuka umchamo.
- Iveni iyabalekiswa isuke imiswe ngequbuliso agileke uMfazwe enjeni imlume.
- Ekubuyeni kwakhe entolongweni ufika esiva ngobawo uGaba ukuba kuthiwa uyimpimpi.
- UMfazwe uya eholweni ekubanjelwe kuyo intlanganiso ngabahlali ngeliyokuhlamba igama lakhe.
- Ubonwa nguFriday engena entlanganisweni athi ooqhimgqoshe abafuneki apha atsho egone uNokuzola, indlu yamhlasela uMfazwe.
- Uphuma ebaleka uMfazwe ayokugqitha ngakokwabo, aqaphele sele egqithile kokwabo ukuba itshile indlu yakokwabo aze axelelwe nguGaba ukuba yatshiswa.
- Usinda ekubulaweni nguFriday neqela lakhe ngokungena emotweni endala ehandle kwatata uGaba sele kukho othe mayitshiswe le moto.
- UMfazwe ubalekela eSihlahleni kwamalume wakhe uMfazwe.
- Ngomngcwabo kaMachule, uMfazwe ubuyile ngeliza emngcwabeni waluncedo kuloo mngcwabo.
- Kucaca ukuba bakho abantu abamfunayo uMfazwe abangaziwayo bekunye neqela likaFriday.
- Ucetyiswa nguSiphiwo ukuba abalekele kwaMfundisi uHlathi-eyona ndawo ikhuselekileyo.
- Ngobusuku akwaMfundisi Hlathi, uMfazwe uva into ebetheka eludongeni, akhanyise isibane aphume phandle ibe iCressida ehamba ooFriday ijika. Bajula isiqhushumbisi kwamfundisi uHlathi.
- UMfazwe uyilandela le moto efuna ukwazi ukuba iza kuphelela phi, iya kumisa ngakwaFriday, behle abantu asondele uMfazwe. Ubona igazi eliphuma emotweni, kube kukho nomntu oncwinayo, unyathela kweloo gazi uMfazwe ngezihlangu, afike eneloo gazi kumfundisi uHlathi. Akubuzwa ngegazi elisezihlangwini uyachaza uMfazwe.
- Umfundisi Hlathi uthi yintolongo le enokumphelelisela ekubeni axhonywe, amcebise ngelithi makaye elubhacweni. Umlungiselela nendlela aza kuhamba ngayo ukuya elubhacweni, amlungiselele nendlela aza kuya ngayo kwankosi uZamlandela.
- Kwankosi Zamlandela uhanjiswa nguNdima omfutshane abe enikwe iimpahla nomnqwazi ekufuneka awuthwale ngamaxsha athile.
- Ukhatshwa nguNdima omfutshane bafike kumapolisa evale indlela asuke agezele uNdima ngobufutshane besithi nguhili bakhululwa ukuba bahambe.
- Usinda ekubanjweni ngokuba ehle kuloliwe othe wema esithubeni.

- Uqaphela ukuba ngamapolisa, ahambe ngeenyawo adibane nomzingeli amnike amafutha, ukhuni kunye nomqwayito.
- Amsindisile la mafutha kwizihlandlo ngezihlandlo ebanjwe ngamapolisa aseMgazi kodwa aphinda amisa athi makabaleke.
- Imoto ayikhweleyo iyawa asinde uMfazwe.
- Udibana nabavukeli mbuso aphaatheke kakubana ade athelekiswe azilwele apho, ayalelwe ukuba onyule isidumbu esimka nomlambo, enze ngokomyalelo.
- Usinda uMfazwe kwiimeko ezinzima zoSibindi, Khonjwayo nakooSikhotsholo alwe aboyise elubhacweni.
- Ekubuyeni kwakhe uMfazwe elubhacweni uxelelwa nguSiphiwo ukuba uyafuneka kwiingxoxo eziseRhawutini, aleqe apho. Impumelelo yakhe ibonakala ngokuthi abe namhlanje uligqwetha lejaji ekuthenjelwe kulo.

[25]

OKANYE

UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

- | | | |
|------|---|-----|
| 9.1 | Ayevela kuFriday. ✓ | (1) |
| 9.2 | UNokuzola wayesisithandwa sikaMfazwe. ✓ | (1) |
| 9.3 | Isiganeko sesokubanjwa kwakhe. ✓ | (1) |
| 9.4 | Sibhekisa kuMfazwe, ✓ “amehlo akhe ayethe ntsho kum engathandabuzeki umntu abhekisa kuye.” ✓ | (2) |
| 9.5 | Umbalisi ungomnye wabalinganiswa. ✓ | (1) |
| 9.6 | Simbangele uMfazwe amzonde ✓ ngakumbi uFriday ade aye elubhacweni ngenjongo zokuziphindezela kuFriday. ✓ | (2) |
| 9.7 | Yimpixano yangaphakathi, ✓ kuba ukungazoli komphefumlo womlinganiswa kulolunye lweempawu zempixano yangaphakathi. ✓ | (2) |
| 9.8 | Luzobo mayana, ✓ kuba ukuzoba mayana kukungamchazi ngqo umlinganiswa ngoko ke apha umlinganiswa uchazwa ngomnye umlinganiswa. ✓ | (2) |
| 9.9 | Wathatha isigqibo sokuba ahlukane noNokuzola. ✓ | (1) |
| 9.10 | Ngabefundisi. ✓ | (1) |
| 9.11 | Usukela kwisenzo sokubanjwa kwabo abefundisi ngokuqhuba inkonzo yomngcwabo kaMachule. ✓✓ | (2) |

- 9.12 Sisekubeni lowo kuthiwa yimpimpi ubonise ubugorha waxolela ukufa ekhusela abantu lo gama abazibona kwaye bezazisa njengamagorha bebalekile besindisa ubomi bawo kuphela emapoliseni. ✓✓ (2)
- 9.13 Umfundisi uHlathi ebemlalisa kwakhe uMfazwe. ✓ Umfundisi uHlathi nguye ocebise uMfazwe ukuba aye elubhacweni. ✓ Umkhuthaze kwizinto zopolitiko. ✓ Umfundisi uHlathi umlungiselele nendlela eya elubhacweni. ✓ Umfundisi uHlathi ebemkhusela uMfazwe. ✓
- [Nasiphi isibini kwezi]** (2)
- 9.14 Esi sivakalisi sibonisa ukukhathazeka nenzondo. ✓✓ (2)
- 9.15 Wavakalelwa kuba ukuya kwakhe elubhacweni wayefuna ukutshintsha imeko yakwaQaka phantsi kwengcinezelo. ✓✓ (2)
- 9.16 Yinoveli yezopolitiko. ✓ (1)

AMANQAKU ECANDELO B: 25

UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI – MMI Swana nabanye**

Umfundi angachankcatha phantsi kwezi ngongoma:

- Intsomi libali elingenabunyani nelifuna ukucacisa yonke into lingashiya nje, nokuphendula yonke imibuzo engezinto zendalo. Eminye yemisebenzi yentsomi kukufundisa, kukuqeqesha, kukonwabisa, kukukhuthaza, kukomeleza njalo njalo. Xa kuyalwa abantwana ngobungozi bento ethile umzekelo ukuhamba ebusuku kubaliswa intsomi ehambelana nenjongo leyo.
- Isaci libinzana lentetho elintsingiselo yalo uphuhla xa lisetyenziswe kwisivakalisi. Sisagwelo sokuthetha esicacisa inyaniso esthile. Sisenokuba sisikweko sento ethile sisenokuba ngamagama mabini mathathu kodwa intetho ibe yintetho epheleleyo.
Abanye abaviwa kwingxoxo yabo bangachaphazela, ukuza kukaNxele
Ukuthetha uNongqawuse
Yimbini yezolo kaGxuluwe
- Amaqhala asoloko equlethe isiyalo. Iqhala elithi, “Imbila yaswel’ umsila ngokuyalezela,” linembali ethi imbila yathi xa zonke izilwanyana zazinikwe umyalelo wokuba ziye kuthabatha imisila yazo suka yona ngokunqena yayaleza ezinye ukuba zize ziyiphathele umsila. Kwenzeka ngaloo mini ukuba imisila iphele phakathi kwacaca ukuba izilwanyana eziyaleziweyo azinakukwazi ukuphathela imbila umsila zingenawo. Unanamhlanje imbila inomsila omfutshane kakhulu kuba ingazange iziyele. Kudla ngokutshiwo xa kuyalwa umntu owonqena ukuziyela kwinto othumelayo elunyukiswa ukuba ukuba uyathumela angahle angabi nayo loo nto ayaleza abanye ukuba bamphathele.
- Ikho intetho yesiXhosa (isaci) ethi umntu yimbulu: Kuye kuthiwe umntu yimbulu xa enxiba izinto zabanye abantu. Le ntetho isukela kwintsomi yembulu eyahlutha izikhakhana zentombazana yazinxiba yazenza loo ntombazana kuba yayifuna ukutya uninakhulu. Imbulu yazithatha ezi mpahla ngelithi iyazilinganisa.
- Ukuthi ubani nguDyakalashé kusoloko kuthetha ukuba loo mntu unamaqhethseba. Uyaziwa nakuyiphi intsomi uDyakalashé ukuba unamaqhinga. Kwintsomi nganye akuyo uqhatha abanye abalinganiswa okanye izilwanyana. Konke oku kuzalwa yimikhwa yakhe kwiintsomi ngeentsomi. Kwintsomi awayefike kwixhegwazana wathi mabaphekaphekane. Wacela ukuba aphekwe kuqala elifundise ingoma ixhegwazana yokuba xa ecula ngolu hlobo aze ophulwe. Ifikile igem yakhe wangena embizeni wacula wophulwa kodwa ngegem yexhegwazana lacula lancama latshela embizeni licula linjalo uDyaki engalophuli. Imvelaphi yale ntetho ke isuka kwezi ntsomi aziphatha ngalo.

Abeviwa bangakhankanya bengaphelelanga apha ezi zaci/ntsomi zilandelayo:

- Ukubamba elentulo
- Ukubambisa iliwa
- Ukubambisa isisila sehobe
- Kwakhona ikho intetho kaNtu ethi into ethile iya kwenziwa yintengu. Le ivela kwintsomi kaNomehlomancinane/yesigebenga apho intengu yamana isithi uNomehlomancinane ewugawule umthi iman'ukuthi Ntengu ntengu macetyana kaz'uba abantwana babantu benze ntoni na yima mthi uthi gomololo, usuke ume umthi. Kukwiimeko apho abantu sukuba besithi into iya kwenziwa ngumntu ongaziwayo apho kuya kusuka kuthiwe iya kwenziwa yintengu.
- Wofika abantu bethi xa bengayikholelwa into ethethwayo besithi yintsomi. Oku kusukela ekubeni intsomi ingeyonyani okanye kungelula ukukholelwa izinto ezelela kuyo. Kaloku kwiintsomi izilwanyana ziyathetha, zenza konke okwenziwa ngabantu. Kwintsomi kuthetha kuthethe nonwele namatye.

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka]

[25]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI- MMI Swana nabanye

- 11.1 Isiqalo, ✓ nokubizwa kwabalinganiswa ngale nto bayiyo ✓/Izilwanyana ziyamntwiswa ✓
- [Nasiphi isibini kwezi]** (2)
- 11.2 Eyona nto idala impixano kukwahluka kweendidi zemiphako. ✓ (1)
- 11.3 Isiganeko esikwinqanaba lovuthondaba sikulaa ndawo uMfene athi rhuthu khona igqabi xa ebelindelwe ukuba ayokukha igqabi. ✓✓ (2)
- 11.4 Umbalisi owazi konke ✓ kuba usixelelela izinto zisacingwa nezinto ezingabonwayo ngumlinganiswa ohamba nalo. ✓ (2)
- 11.5 Izilwanyana ziyahleka ✓/ziyathetha ✓/zinobukhwe ✓/ziphatha imiphako ✓ /zenzelana amayelenqe ✓ ezi zizenzo ezenziwa ngabantu. ✓
- [Nasiphi isithathu esichanekileyo]** (3)
- 11.6 Sivela kwisimo sokuba uDyakalashé kwiintsomi zonke eqhatha abantu okanye ezinye izilwanyana. ✓✓ (2)
- 11.7 Kukuhleka unganahleki ngenxa yemeko yokudana. ✓ (1)
- 11.8 Ilifa lezidenge lidliwa zizilumko ✓✓/Isilumko soyiswa sesinye isilumko. ✓✓
- [Nayiphi na kwezi]** (2)
- [15]**

- 11.9 Uzelelwe eQunu. ✓ (1)
- 11.10 C ✓/Rholihlahla Nelson Mandela ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 11.11 Yimvano siqalo ✓ (1)
- 11.12 Kukugxininisa ✓/Kukudala isingqisho. ✓
[Nayiphi na kwezi] (1)
- 11.13 Ngumfanekiso ngqondweni weliso ✓ (1)
- 11.14 Libonisa ukuba ungufunga angajiki koko akholelwa kuko. ✓✓ (2)
- 11.15 Ubonisa ukuba abacinezeli babemcenga bembongoza bemthembisa ngako konke akufunayo uMandela ukuba nje angayeka ukuchaza abacinezeli. ✓✓ (2)
- 11.16 Sisibongo esincomayo/sisibongo esingeqhawe/esingegorha. ✓ (1)
- [25]**

ICANDELO C

- Kweli candelo umviwa kufuneka aphenhule umbuzo omnye kuphela.
- Ukuba uphendule yamibini, makisha owokuqala.
- KUMBUZO OSISINCOKO SONCWADI, sebenzisa irubriki ekwisihlomelo B.

UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

AMAZA: Z.S. Qangule

Umfundi angachankatha phantsi kwezi ngongoma:

Umfundi angachankatha kwezi ngongoma zilandelayo:

- UDanile yinkulu yamaBhele nobonakala engumkhuseli wamasiko nezithethe, utshatisa ngenkani intombi yakhe uNamhla noSidima engamthandiyo. Umtshatisa ngelithi ulandela isiko, intombi ifudula ibonelwa isoka emayendele kulo phantsi kwesiko **lebhaxa**.
- UNamhla uzele ingqumbo ngalo mtshato kuba yena unomntu amthandayo onguLizo nangona etshatile uLizo noZodwa.
- Ukukhathazeka kukaNamhla malunga nalo mtshato wenkani kubonakala kwindlela akhupha ngayo iimpahla aya nazo emzini, nenkupho yakhe yomlomo ihleba ukuba wonakele ngokwasemphefumleni.
- Le meko ayiyo uNamhla nenkupho yakhe ebhekisa kwimpahla aya nayo emzini iyaxhalabisa, ngelithi xa eza kuba nje empahleni engekafiki emzini, kwakuba njani xa esemzini.
- Ngoku kanye endiswayo luyavutha uthando lwakhe noLizo, umema uLizo entangeni yakhe ngoku kumaxhaphetshu kulungiselelwa umtshato wakhe, ubhaqwa nguDanile uLizo aze amkhuphe njengenja kwakhe ngelithi waphule isiko.
- UDanile udibanisa amaBhele ngelokuphalaza eli sikizi alibhaqe kwakhe ngelokumangalela uLizo.
- AmaBhele suka ahluka kubini ngalo mba, angamagqobhoka ayengaboni sikhwasilima kwinto yokuthandana kukaLizo noNamhla, amaqaba wona yayiyinto embi kakhulu le yenziwe nguLizo yokwaphula isiko ngokungena entangeni kaNamhla.
- Waba neenkani uDanile neqela lamaqaba wendiswa ngebhaxa uNamhla ekubeni noyise kaSidima uNgxelelo xa kuyalwa abatshati wayiveza kwiziyalo into yokuba **isiseko somtshato luthando** lungekho uthando emtshatweni loo nto ifana nendlu eme emoyeni enokuwa nanini.
- Umtshato yindawo yolonwabo nothando kodwa kokaNamhla noSidima yayiliqonga lokulwa ude watsho naye uSidima ukuba akazange alufumane ulonwabo oko athe watshata.

- USidima lo utshatiswa noNamhla ngenkani naye unomntu osentliziweni yakhe amthandayo onguZodwa Zazile oyinkosikazi kaLizo bade banomntwana.
- Kuyabonakala ukuba uLizo utshate noZodwa angamthandiyo noNamhla utshatiswa noSidima angamthandiyo. Bona aba bantu banabantu ababathandayo kodwa ngenxa yokuhlonela isiko bayatshata bengayekanga ukubathanda abantu babo.
- ULizo uzithandela uNamhla ngoku etshate noZodwa Zazile, uSidima uzithandela uZodwa Zazile ngoku etshate noNamhla, le meko idalwe lisiko.
- Kuyabonakala ukuba iziphumo azizikuba zihle ngokwemeko le, uNamhla ubhaqa ileta nefoto epokothweni yebhatyi kaSidima evela kuZodwa ebubungqina bothando lwabo nemveliso engumntwana wabo. Le nto yeleta nefoto inkanka uthanda obelukho kakade kumtshato wabo, apetsule ke ngoku ngamagunya uNamhla.
- ULizo naye kwelakhe icala uthuka uZodwa ngobuxelelegu ade amthelekise noNamhla, zivele kuZodwa iimfihlo zokuba ufanele ukumthelekisa noNamhla ngokucoceka wenziwa kukuba wamthengela umsesane.
- ULizo uveza into kaXelile/Xelisa ongunyana kaSidima apha kuZodwa, uyamgxotha uZodwa ngelithi ukuba ubuye eBhayi eselapha kokwabo uzakuwaxelela amaQwathi ngeli nyala likaXelile/Xelisa. Uyazimela emzini uZodwa abalekele eRhawutini kuSidima. Umka ethathe imali namakhadi webhanki kaLizo.
- ULizo ulanda ekhondweni ngeliyokufuna imali namakhadi webhanki ufika kukho uDuma iwele likaSidima abangumcephe ucandiwe, udubula uDuma ecinga nguSidima, adubule uZodwa Zazile acinge umbulele kanti imbumbulu ayimoselanga uZodwa Zazile. Athi xa ephuma suka uZodwa waseBhayi athi ihagu ibona ezinye ihagu abuye uLizo amdubule ngelicima ubungqina.
- Isenzo sikaLizo sokubulala kukuvula indlela eya emtshatweni wakhe noNamhla ngokuthi asuse imiqobo engunobangela wokungatshati kwabo. Oku kufa ngekungekho ukuba bekungalandelwanga isiko lokubonela umntu umlingane wakhe wobomi.
- Mhla ngomngcwabo awuzange ubonwe umzimba ngomyalelo kaPhathumzi. Ayihlanga kakuhle le nto kumaqaba kuba anenkolelo yokuba umzimba ubonwe ukuze kuqinisekwe ukuba kungcwatywa umntu onguye namehlo acinyiwe, kwaye ngokwenkcubeko yamaXhosa kukho izinto angcwatywa nazo umntu. Zonke ezo zinto azenzekanga.
- Ngokufa kukaSidima ngokokwazi kwabantu uNamhla wacinga ukuba uza kukhululwa agoduke, suka kwavela isiko **longeno** ezakungenwa nguLunga.
- Ukhabe ngawo omane uNamhla ukungenwa wagila imikhuba emzini waphulukana nesimilo ukwenzela ukuba agxothwe. Ufaka uLizo entangeni yakhe emzini, uyamitha.

- Xa amaCirha ezokumangala ngesimo sikaNamhla emzini, kwingxoxo nengxabano ephakathi kwamaBhele, uyavela uVuyisile ngelithi ayizange inanzwe into yokuba makanganyanzeliswa umntwana kwindoda angayifuniyo. Ngeliphandle yingxabano yangabom le.
- Ngecebo likaSilumko umcuphi udibanisa wonke umntu emangcwabeni kuvela iinyaniso apho uSidima ehamba noZodwa, uLizo ehamba noNamhla, kwazeka nokuba oyena mntu wabhuhayo nguDuma. Oku kubonisa amandla wothando ukuba umntu ngamnye emhlabeni unobambo lwakhe.
- Iyavela into yokuba amaxesha ngamanye ngoku kufuneka kuhanjwe nexesha ngaphandle koko umntu uzidalela ingxaki. [25]

OKANYE

UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)

AMAZA: Z.S. Qangule

- 13.1 Sisiganeko sokubulawa kukaSidima noZodwa. ✓ (1)
- 13.2 Indima edlalwe nguMaLimakhwe kukuthumelela uNamhla imali yokufunda. ✓ (1)
- 13.3 Iimpawu zezokuba izithethi zidwelisiwe, ✓/amagama akwizibiyeli anika imiyalelo yeqonga. ✓/izithethi ziyazithethela ngokwazo ✓
- [Nasiphi na isibini]** (2)
- 13.4 ULizo ungene entangeni kaNamhla kwaDanile. ✓ Uphinde wangena entangeni kaNamhla emzini kwaNgxelelo. ✓ (2)
- 13.5 Abukho ubudlelwane kangangokuba uLizo ude wazama nokumbulala. ✓✓ (2)
- 13.6 Ewe yazaliseka kuba waqalisa ukuqiniseka ngendima edlalwe nguLizo ekufeni kukaSidima noZodwa. ✓✓ (2)
- 13.7 Ndiyangqina kuba icala alimeleyo lokhanyo liphumelele ekugqibeleni. ✓✓

OKANYE

Andingqini kuba akazange ade atshate noNamhla. ✓✓

[Nayiphi na kwezi] (2)

- 13.8 Yinyani uXelile/uXelisa wayede enelifa. ✓ (1)
- 13.9 KukwaDanile. ✓ (1)
- 13.10 Injongo yokubanjwa kwale ndibano kukuba uNamhla angenwe nguLunga. ✓ (1)
- 13.11 Umthandazo wesikhohlakali awufiki ezulwini, uThixo akahlalanga kumqolomba weminyanya. ✓ (1)

- 13.12 Sibonisa ukungabi nambeko. ✓ (1)
- 13.13 Kukujongelwa phantsi kwesiko lokwendiselana ✓/kukujongelwa phantsi kwamalungelo abantu basesikolweni ✓
- [Nayiphi na kwezi]** (1)
- 13.14 Yeyangaphandle ✓ (1)
- 13.15 Linqanaba lovuthondaba ✓ Kwimeko yamaza eli liza likwincochoyi apho uNamhla alwela elakhe ilungelo. ✓ (2)
- 13.16 Ndiyawangqina kuba ngoku uDanile unyanzelise ukuba atshatise uNamhla ngokwesiko lesiNtu. ✓✓ (2)
- 13.17 Yintlekele-siyoliso ✓ Ukuphalala kwegazi ngenxa yokufa kukaZodwa noSidima yintlekele ukanti ke iyayolisa eyokuthi kanti uSidima obekade kukholelwa ukuba wafa akafanga ade nombulali ayazi loo nto. ✓ (2)
- [25]**

OKANYE

UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

A-a-a! JONGUMSOBOMVU: B.B. Mkonto

Umfundi unokunyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

Impixano lugxagxamiswano okanye usunduzwano/uxambuliswano phakathi komntu nomnye umntu okanye phakathi kwamaqela amabini achaseneyo ngezimvo. Impixano ithi ibe nezinto ezisisondlo kuyo ukuze ikwazi ukunwenwa oku komlilo wedobo.

- UNkosi Maqoma ngunyana kaKumkani uNgqika, yise lowo othandwa kakhulu ngumbuso wamaNgesi, yiRhuluneli yeBhrithane. Ufunde lukhulu ke uMaqoma lo kuyise ekukhuleni kwakhe.
- Uyiqaphela eselula into yobuqhinga nonyhwalazo bezizwe ezimhlophe, kwaye wayelikroti elizibalule kakhulu ezimfazweni.
- Wayenengqondo neliso elibukhali kuba wakhawuleza wabona kwangoko amaqhinga amaNgesi buqhinga nobo ebabuhambisana nevangeli.
- Waqaphela ukuba kolu guqulo lwabantu abamnyama abefundisi babelwela ilizwe labo ngokuphanga umhlaba. Ifuthe labefundisi lalisetyenziswa ngamandla ziziphatha-mandla zabeLungu. Umphathi wamajoni ombuso wamaNgesi eMpuma- Koloni yayinguKholoneli Somerset. Abefundisi ababehambisa ivangeli inguGqirha John Philip (Filiphu), James Read (Ngcongolo) noH Calderwood (Kondile).

Aba befundisi baqhuba iimpembelelo zokuguqula intlalo yabantu kwaye bakhathsha ngamajoni nombuso wamaNgesi azimisele ukuthatha imihlaba kayise uNgqika.

Oloni tshaba lukhulu lukaMaqoma nguSomerset ongumphathi wamaNgesi kweli lizwe nokhokhelisa abefundisi kulandele abarhwebi kanti kuloko ezakungena ngomkhosi.

UMaqoma ubabona abahambisi bevangeli bengena ngabafazi babo, bebaqobongela behlasela kakhulu ezi zinto zingathandwayo ngabo ezifana nesithembu, batsho bawexuleke lula ke abafazi yile mfundiso.

Abafazi abafuni nokusila iindywala emizini yabo ngelithi zizinto zobuhedeni ezo umzekelo uNowayithini inkosikazi kaMntlane, MamCirha.

Iyavakala ingxokozela nakubafazi bebodwa malunga nokungaqabi nokungasili kukaMamCirha indlela alwa naye ngayo uNobomvu.

Bathi abafundisi xa sebeqalile ke bayikhathaze kakhulu inkosi yeso sithili ngokumana beyindwendwela befuna imihlaba ukuze bakhe izindlu zabo.

Amadoda amangaliswa lixesha iinkonzo eziqhutywa ngalo ezithatha ubusuku kulityaziswa amakhosikazi wabo. Isigqeba samaphakathi asiyiginyi le yokukhutshwa kwemihlaba yooyise.

Bakungena abefundisi ubona kufika abarhwebi abangena nezinto bananise ngazo, batshintshiselane beqhatha abantu bakaMaqoma, bebhunyula ngokubanika oonobenani bezinto lo gama bona befumana izinto zexabiso. Iinkomo ziyaphela ngokunaniselana ngezipeleti, izikhakha ziyahlwa kufakwa iimpahla zasemLungwini.

Amasimi ayatshiswa, ubusela bemfuyo bubhokile yeyona nto imphambanisayo uMaqoma, ukungenelwa kweelali ngobusuku kuqhutywe yonke esebuhlanti, othe waphuma phandle uyadutyulwa abulawe ze kutshiswe naloo mizi.

- UMaqoma ubona libhuqwa ilizwe lakowabo ngondlela-mnyama ngamazwi athambileyo abefundisi abangena ngokungathi bahambisa iLizwi leNkosi kubo. UKumkani uNgqika yena bamgqiba kudala abamhlophe kuba uvuma yonke into abeza nayo kuye ngenxa yokuba engumntu othanda uxolo.
- Kubulawa uBawana uMaqoma uyaziphindezela, ze uSomerset afumane ithuba lokuya kungena kwikomkhulu liakMaqoma ephethe ileta yesigunyaziso ekhatshwa ngabefundisi abaqhathe uNgqika ukuba abekho ukuze athibaze uMaqoma angalwi xa ekhutshwa eTshokotshale.

Eli cebo lokuza noNgqika ukuze athibaze uMaqoma limsebenzele uSomerset kuba uphumile ngokuhlonipha uyise uNgqika kodwa ekhala ngokushiya umhlaba wamanyange akubo ngelithi kodwa abanokwala xa kusitsho uyise.

Wanikezela uMaqoma ngenxa yecebo lokuba kutyhefwe uNgqika yiBhrithane bamenza isixhobo sokuzuza nokufezekisa iinjongo zabo ngokuthi bahambe naye xa baya kuMaqoma abamaziyo ukuba likhalipha elingoyikiyo.

[Naziphi ezinye ingongoma ezichanekileyo ziyakwamkeleka.]

[25]

OKANYE

UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)

A-a-a! JONGUMSOBOMVU! B.B. Mkonto

- 15.1 KukwaNkosana uXhoxho/Komkhulu. ✓ (1)
- 15.2 Kulungiselelwa ukuya eTshokotsdhela kukho umcimbi khona. ✓ (1)
- 15.3 Ngabefundisi ✓✓/NguMatshaya ✓ noKondile. ✓ (2)
- 15.4 Yinkosana. ✓ (1)
- 15.5 Abazukubaqhelisela ✓/Abazikubanika ntloko kulo mcimbi beze ngawo. ✓ (1)
- 15.6 Yingabula-zigcawu apha sityhilelwa umcimbi oza kuba liqhakuva lokhwekhwe/Yingabula zigcawu zizithole zempixano ezi zivezwa apha kweli nqanaba. ✓✓ (2)
- 15.7 Ityhila ubuqhinga ngokucela indawo encinci wakuyifumana unyukele. ✓✓ (2)
- 15.8 Ungumntu onomqolo nosimelayo isigqibo/Akalobhetyebhetye lomlinganiswa. ✓✓ (2)
- 15.9 Intlonipho/Imbeko nokuthobela inkosi uNgqika. ✓✓ (2)
- 15.10 Bubuqhinga bokusa uMaqoma ayokuhlala kufuphi noyise ngesizathu sempilo kaNgqika ibe injongo ikukurhwaphiliza umhlaba/UMaqoma ungumqobo kulo mhlaba ufunwa ngabefundisi ngoku yindlela ephucukileyo le yokumsusa kulo mhlaba. ✓✓ (2)
- 15.11 Kukujonga yonke into eqhubekayo entle nambi. ✓ (1)
- 15.12 Iveza ukuba impilo kaNgqika inkenenkene. ✓✓ (2)
- 15.13 Labangela ukuba nangona uMaqoma wayengafuni kunikezela kodwa ngenxa yokuba ooSomerset babeze noNgqika wavuma ngenxa yokuhlonipha uyise uNgqika. ✓✓ (2)
- 15.14 Libonisa ukuba ungumbulali/Ungunobangela wokufa kwabantu. ✓✓ (2)
- 15.15 Ngumlinganiswa onomqolo/oyimelayo into akholelwa kuyo/ Akalobhetyebhetye. ✓✓ (2)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

ISIHLOMELO A: ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBHE [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
<p>UMXHOLO</p> <p>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe.</p> <p>7 AMANQAKU</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isihloko sitolikwe ngokunzulu. - lingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe. - Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. - Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. - Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. - Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo - Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle. - Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. - Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo. - Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko. - Impendulo ibonisa ukuqhwalala kulwazi lwesihobe. 	<ul style="list-style-type: none"> - Akanalwazi kwaphela ngesihloko. - Impendulo ayikho mxholweni wesihobe. - Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe.
<p>ISAKHIWO NOLWIMI</p> <p>3 AMANQAKU</p>	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo siyathungelana. - Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. - Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. - Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala. 	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo. - Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo. - Iziphene zolwimi zibalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. - Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko. - Bukho ubungqina beziphene zolwimi. - Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sife amange. - Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga.
AMANQAKU	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1

ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	12–15	9–11	6–8	4–5	0–3
15 AMANQAKU	<ul style="list-style-type: none"> - Impendulo igqwesile. 14–15 - Impendulo ebalaseleyo. 12–13 - Ukutolikwa okunzulu kwesihloko - Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi. - Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo. - Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. - Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile. - Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> - Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu. - Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko - Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka. - Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. 	<ul style="list-style-type: none"> - Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo. - Ambalwa amanqaku axhasa isihloko. - Iimpindulo ezichanekileyo zimbawwa kakhulu. - Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. 	<ul style="list-style-type: none"> - Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko. - Iimpindulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo. - Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke-konke. - Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi.
ISAKHIWO NOLWIMI	8–10	6–7	4–5	2–3	0–1
10 AMANQAKU	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo siyathungelana. - Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo. - Inxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle. - Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano. - Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo. - Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe ngokuchanekileyo ikakhulu. 	<ul style="list-style-type: none"> - Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga. - Unamathelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene. - Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu. - Imihlathi ichanekile ikakhulu. 	<ul style="list-style-type: none"> - Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo. - Izimvo azithungelelani kakuhle. - Iziphene zolwimi ziyabonakala. - Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga. - Imihlathi ineziphene. 	<ul style="list-style-type: none"> - Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo. - Iimpindulo zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo. - Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala - Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka.
AMANQAKU	20–25	15–19	10–14	5–9	0–4

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshela ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike u-0.

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha